Isifundo 1

**Juni 29–Julayi 5*

UThixo Wadala . . .

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
Genesis 1–3, Zenzo 17:28, Ndumiso 148, Nd. 24:1, Gen. 4:1–9, Mat. 22:37–39, IsiTy. 14:7.

Indima Yenkumbulo:
"Ocudisa isisweli ungcikiva uMenzi waso; olibabalayo ihlwempu uyamzukisa" *(IMizekeliso 14:31)*

Ingaba wakha wazama ukuqala into-mhlawumbi eyobuchule bezandla, okanye ukutya, nokuba yeyiphi into yobuchule-isuke yaphuke okanye ingafunwa ngumntu omphe yona? Ukuba kunjalo, uyayinakana kancinane into uThixo awayifumanayo akuba enze lo mhlaba, wanika abantu ubomi, wasuka wabona oko akudalileyo kusaphulwa sisono. IBhayibhile ithi umhlaba wadalwa ngobunono "wamhle kakhulu" Indlela awava ngayo uThixo ngendalo yaKhe ibonakala kwiingxelo zendalo kwiGenesis 1 ne-2. Yindawo le apho silifunda khona ibali lokuWa kuGenesis 3 nokwaphuka kwentliziyo kaThixo ngexesha ebangqala awabenzayo.

Okumangalisayo, umhlaba wethu uyaqhubeka uyinto ayithandayo uThixo, naxa sekuziinkulungwane zesono, ubundlobongela, inkohlakalo, novukelo oluphandle. Okumangalisa ngaphezulu, xa uThixo wayebeka icebo laKhe lokuhlangula nokudala ngokutsha umhlaba, uye wasinika, njengamakholwa, iindawo emasizidlale ekuzalisekiseni amacebo waKhe amakhulu. Kunjalo, singabaxhamli bobabalo lwaKhe; kodwa, njengabasebenza kunye neNkosi yethu. Uxanduva olunendili, olungcwele kangako!

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJulayi 6.*

UThixo: Ukukrotyiswa Kancinane Indalo

Lo mhlaba nako konke okuphilayo okukuwo, ubomi bethu noko sikwenzayo ngabo, ubomi babo bonke abasingqongileyo nendlela esiphathana ngayo nabo, ubomi ngokwabo nendlela obuphilwa kakuhle kakhulu ngayo-zonke ezi zinto ziqala ngoThixo "kuba kuye sihleli siyashukuma, sikho" (Zenzo 17:28). Kulapha apho liqala khona ibali leBhayibhile: Ekuqalekeni uThixo wadala amazulu nehlabathi" (Gen. 1:1). Kwale nto yokuba wathetha zakho izinto yalatha kumandla nendlela esingasoze sikwazi nokuba nomfanekiso-gqondweni wayo. Kanti ke, uThixo akazange adale ekude; wayekho eyamile, ngakumbi xa kufikwa ekudaleni umntu wokuqala (jonga uGen. 2:71:26–31.

Funda ibali lokudalwa kwabantu bokuqala kuGenesis 1:26-31. Zintoni ezibalulekileyo esixelela zona le ngxelo ngoThixo? Zintoni ezibalulekileyo esixelela zona ngabantu?

_____

_____

Kuyakholisa ukuba kuthiwe singafunda okuninzi ngoThixo ngokuchitha ixesha nendalo, ngokukhangela kwindalo yaKhe, nokubona nje kancinane isimilo soMdali ngokwaKhe. Kanti ke sinako ukukroba kwindlela uThixo awadala ngayo umhlaba oza kubakho ngokuthi sihlole ukumqonda kwethu uThixo ngokwaKhe. Umzekelo, ukuba uThixo unguThixo wocwangco, kufuneka silindele ukufumana ucwangco kwindalo yaKhe. Okanye, ukuba sikholelwa ukuba uThixo nguThixo wokuqala izinto, asimele kumangala ukufumana imizekelo, ekunzima ukuyikholelwa yokuqala kwaKhe izinto emhlabeni awawenzayo.

Ngokukwanjalo, siyakholwa ukuba uThixo unguThixo wolwalamano [wobudlelane], ngoko ke, sifumana ulwalamano lusisiqalo esingumbindi kwindlela uThixo awawuhlanganisa ngayo umhlaba. Wasibeka isiqalelo ngasinye somhlaba ngokwayame kuyo yonke enye indalo. Wadala izilwanyana ngolwalamano olunemvisiswano. Wadala abantu ngolwalamano kunye naYe, nomnye nomnye, kunye nendalo.

Ngeli xesha ukumqonda kwethu uThixo kunomda ngeendlela ezininzi, yintoni esinokuyibona esimilweni saKhe enokusikhuthaza ukuba sikucingisise ukuba ubumele ukuba unjani umhlaba?

Kuluncedo olungakanani ekuwuqondeni kwakho umhlaba ukuwubona usisibonakalaliso sesimilo sikaThixo, nangona udlavulwe wayile nto uyiyo sisono esibonakala ngokucacileyo?

_____

Umhlaba Opheleleyo

Kulula ukuziva ukhumbula ikhaya iEden. Inento enayo inkcazo emfutshane ngeGadi uThixo awayidala ukuba ibe likhaya lika-Adam noEva ethi ivuse ulangazelelo ezintliziyweni zethu. Singanako ukungaqondi ukuba lisebenza njani ilizwe elinjalo, kodwa siva sinqwenela ukuba kulo. Kukho into evakala ikukwaneliseka nokuphelela awayivayo uThixo [xa kuthiwa]: "Wakubona uThixo konke akwenzileyo, nanko, kulungile kunene" (Gen. 1:31). UThixo wenza into eyayintle isebenza. Yayintle kakhulu ukumila kwayo, ngobume nokusebenza. Yayizele ludlamko lobomi inombala omhle, kwaye izaliswe kuko konke okufunekayo ukukhulisa ubomi. Akumangalisi ukuba uThixo wayemana enqumama ukuba acinge ngobuhle belizwe alenzayo athi, Kulungile.

Funda: Genesis 1. Ucinga ukuba ithetha ntoni intethwana ephindaphindwayo ethi: "Wakubona ke uThixo ukuba kulungile"? Jonga uGen. 1:4, 10, 12, 18, 25, nama-31.

Nangona yabhalwa yonke emva kokuWa, iBhayibhile izele kukubhiyozelwa kwelizwe lendalo, njengakuYobhi 38 ukuya kuma-41 neNdumiso 148. Kufuneka ke sikhumbule ukuba oku akubhalwanga njengokubonwa ngokuthi krwaqu ngasemva kokwakudalwe kwixesha elimiyo, kubhiyozelwa ukulunga okusabonakalayo kwilizwe lethu.

UYesu naYe wathabatha imizekeliso yokulunga nenkathalo kaThixo kwilizwe lemvelo. (jonga, umzekelo, uMat. 6;26, 28-30), ekuncoma kokubini-ukuxhomekeka kwethu kuThixo nokubuka izipho ezilula ezisingqongileyo ezisizalisa ngokumangaliswa. Ukuba singawavula amehlo ethu sibone imimangaliso yendalo, singabona ukuba, ngokwenene, singabaxhamli bezipho ezimangalisayo ezivela kuMdali wethu. Ukusabela kwethu, naphakathi kwezilingo, kumele ukuba koko kwaneliseka, ukuzaliswa ngumbulelo, nokuzinikela ngokuthobekileyo kuMnini-wezipho.

SingamaSeventh-day Adventists—avuyisana neNdalo nalinde ubukumkani bukaThixo obuzayo-sifanele ukuqonda ukuba izinto ezintle, imivuyo, nokulunga esikubonayo nesikuvayo emhlabeni kukuthi tshazi nje koko umhlaba wethu wawukuko noya kubakuko kwakhona.

Kumava akho oko kuxhamla emhlabeni wemvelo, yintoni oyithanda ngendlela eyodwa ngemimangaliso yeNdalo? Kubomi bakho bemihla ngemihla, unganako njani ukuyazi ngokungcono iNkosi ngemimangaliso yemvelo yomhlaba?

Amagosa Agciniswe Umhlaba

Ngokwengxelo yeBhayibhile, iGadi yase-Eden nomhlaba osanda kudalwa yayizindawo zobuncwane, zidalelwe ukuze ubomi buqhame nokuba bonwatyelwe ngabantu ngokukodwa. UThixo waya wanika indoda nomfazi bokuqala, nathi sonke abaza kulandela kamva, indawo emayidlalwe endalweni yaKhe. Kusuka kucace ngokukhawuleza-kungekuphela kwindlela yaKhe yokudala-ukuba uAdam noEva babeza kuba kwibakala elilodwa kulo mlaba mtsha.

UAdam wanikwa kuqala umsebenzi wokunika izilwanyana neentaka amagama (jonga uGe. 2:19). Kamva wanikwa enye indawo, eyanikwa iyintsikelelo evela kuThixo ngokwaKhe: "Wabasikelela uThixo, wathi kubo uThixo, "Qhamani nande, niwuzalise umhlaba niweyise; nibe nobukhosi ezintlanzini zolwandle, nasezintakeni, zezulu, nasezintweni zonke eziphilileyo ezinambuzelayo emhlabeni" (Gen. 1:28).

Funda uthelekise uGensis 1:28 no-2:15. Ungayibeka njani inkcazo yomsebenzi womntu ngesivisa esinye okanye ezibini?

_____

_____

Kuyathanda ukuba kwimbali yobuKristu, uGenesis 1:28, asetyenziswe ngabanye njengemvume yokuxhaphaza, kude kufikelelwe kwindawo apho kuye kutshatyalaliswe indalo yomhlaba. Kucacile kona ukuba umhlaba wadalelwa ukuphila komntu, okuhle, nokonwaba. Sekunjalo, uxanduva lomntu kukuba "awusebenze, awugcine"-ngokwamazwi eGenesis 2:15. Xa sithetha ngobugosa, ingcinga yethu yokuqala ikholisa ukuba ngemali, kodwa umyalelo wokuqala wobugosa eBhayibhileni wawungekuphela ngokukhathalela umhlaba uThixo awawudala wawunikela kuthi, kodwa umyalelo kuAdam noEva wawukwabone kwangaphambili ukuba umhlaba wawuza kuhlalwa nabantwana babo kwakunye nezizukulwana ezilandelayo. Kwicebo lasekuqalekeni ngomhlaba, umhlaba odaliweyo wawuza kuqhuba ulithende lobomi, ukulunga nobuhle babo bonke abantu, baze uAdam noEva babe nendawo enkulu ekuwukhathaleleni.

Umhlaba usengokaYehova (jonga iNd. 24:1), kwaye nathi sisabizwa ngokuba singamagosa ako konke athe uThixo wasinika kona. Mhlawumbi, nathi singagqiba sithi, kumhlaba owileyo uxanduva lwethu lukhulu ukudlulisa.

Kuthetha ntoni ukuba ligosa lomhlaba namhlanje, kumhlaba owileyo? Kumele ukuba nagalelo lini ukukuqonda oko kwindlela esiphila ngayo imihla ngemihla?

_____

Umhlaba Oqhekekileyo

Into enye uThixo awayinika uAdam noEva angazange ayinike nanye into (ayidalileyo) yinkululeko yokuziphatha. Babengabantu bokuziphatha ngezandla zona izityalo, izilwanyana, nemithi ezingeze zikwazi ukuba yiyo. UThixo wayexabisa le nkululeko yokuziphatha kangangokuba abantu naKhe babeya kukwazi ukukhetha ukungamthobeli. Ngokwenza njalo, wabeka emngciphekweni konke awayekudalile ngenxa yomgomo omkhulu wolwalamano nezidalwa zaKhe ezingabantu owawakhelwe phezu kothando nenkululeko yokuzithandela, umgomo lowo. Kwabakho umtshabalalisi (kuba le nkululeko yokuziphatha yayinikwe neengelosi), owafuna ukuwuphazamisa umhlaba olungileyo nopheleleyo awudalileyo uThixo, wazama ukusebenzisa indalo ekhethekileyo kaThixo emhlabeni-abantu-ukuba yenze njalo. Ethetha ngenyoka, ongendawo waba nengxaki ngokuphelela nokwanela koko uThixo akwenzileyo (jonga uGen. 3:1–5). Isihendo Esiphambili saba kukunqwenela ukuba nokungaphaya koko uThixo abanike kona, bakuthandabuze ukulunga kukaThixo, okuxhomekeka kubo ngokwabo. Koko kukhetha nakweso senzo, ulwalamano olwaluphakathi kwindalo njengoko waceba uThixo, lwaqhekeka. Abazange babesakwazi uAdam noEva ukonwabela ulwalamano noMdali wabo, into ababelungiselwe yona (jonga uGen. 3:8–10). Ezi zidalwa zibini zakhawuleza zabona ukuba zihamba ze zaye zineentloni, baza ubudlelane bazo esinye nesinye basinda kancinane ekuguqukeni bungabuye bungcibeke. Ubudlelane bomhlaba wonke babasengozini, baqhawuka.

Funda: Genesis 3:16–19. Zisixelela ntoni ezi ndima ngokuguquka kolwalamano phakathi kwabantu nomhlaba wendalo?

_____

_____

_____

Ngenxa yobunyaniso bobukho besono, ubomi bakhawuleza banzima kuAdam noEva, nayo yonke indalo. Iziphumo zesono ziqinisekile, ngakumbi njenoko zichukumisa uluntu nolwalamano lwethu. Ngandlela ithile, sikude kuThixo uMdali wethu. Iintsapho zethu nazo zichukumiseke ngeendlela ezininzi, nolwalamano lwethu nabanye lusoloko lungumngeni. Kanti ke, side silwe ngokunxulumene nokusingqongileyo kwendalo kunye nehlabathi esiphila kulo. Onke amacala obomi bethu nelizwe abonisa ukwaphuka okubangwe sisono. Phofu ke, asiyiyo indlela le uThixo awawudalela ukuba ube yiyo umhlaba. “Iziqalekiso” zikaGenesis 3 nazo ziza nesithembiso sokuba uThixo uya kuyenza indlela yokuba awudale ngokutsha umhlaba wethu, abulungise ubudlelane obaphulwa sisono. Ngeli xesha siqhubeka sisilwa nesono neziphumo zaso ebomini bethu, sibizelwa ukuba sikuphakamise ukulunga kwasekuqalekeni komhlaba, nokuba sizame ukuphila ebomini bethu icebo analo uThixo ngawo lo mhlaba.

Ingubo Yosapho Loluntu

Ngokungena kwesono, akuzange kuthabathe xesha lide ukuba umhlaba uqhekeke ngakumbi. Kuphenjelelwe ngumona, ukungaqondi kakuhle, nomsindo, ukubulala kokuqala kwaba phakathi kwesibini esingabazalwana. Wathi uThixo akumbuza uKayin ngesono sakhe, waphendula ngendlela ekubonakala ukuba inempoxo nengumbuzo -buciko— "Ndingumgcini womninawa wam, yinina?" (Gen. 4:9)—yaba yimpendulo ethethwa ngumbuzo wokuqala kaThixo, "Ewe, ngokuqinisekileyo, ungumgcini womninawa wakho."

Funda: Imizekeliso 22:2. Yintoni ethethwa yile ntetho ibonakala ilula? Isixelela ntoni ngolwalamano lwethu nabanye abantu?

_____

_____

_____

Wonke umntu esihlangana naye usesinye sezidalwa zikaThixo, esidalwe ngokomfanekiselo waKhe, esiyinxalenye yenwebu yobudlelane esihlanganisa sonke kwindalo kaThixo, obo budlelane sebuhlakazwe baphulwa bunjalo. "Sisontwe kunye kwinwebu yobuntu. Ububi obufikela nayiphi indawo kubuzalwana obukhulu babantu buzisa intlekele kubo bonke."—Ellen G. White, The Ministry of Healing, iph. 345. Uthanda ungathandi, ngenxa yeli khonkco linye, sinomthwalo kuYe uThixo esiwunikwe kwanguYe uThixo, nakomnye nomnye (jonga uMat. 22:37–39). Kuyo yonke iBhayibhile, ibango lokuba uThixo unguMdali wethu alipheli (liqhubeka okoko). Umzekelo, sesinye sezizathu esinikelwe ukukhumbula iSabatha (jonga uEks. 20:11), nokunqula uThixo ngexesha lokuphela (jonga IsiTy. 14:7). Ikwayeyona nkuthazo iphambili enikiweyo yokukhathala ngabanye, nabo bangathabathi ntweni.

Sonke sihlanganiswe liqhina lemvelo yethu enye kuThixo. Nabani na ke ngoko "ocudisa isisweli ungcikiva uMenzi waso; olibabalayo ihlwempu uyamzukisa" (IMiz. 14:31). Ingaba ikho enye indlela elingacaca ngayo elo qhina? UThixo njengoMdali wethu unebango kuthi elifuna ubomi bethu obupheleleyo, kuquka unqulo lwethu, nenkonzo yethu, nokukhathalela abanye. Sekunzima kunoxinzelelo nokuphazamisa kunjalo ngamanye amaxesha, ngokwenene, singaba"gcini babaninawa."

Kutheni, ngokucinga kwakho, le nto amabango kaThixo engumxholo oqhubeka okoko kuyo yonke iBhayibhile? Kubaluleke ngantoni oku, kwaye kumele ukuba nankcukumiso ni oku kuqiniseka kwindlela esibaphatha ngayo abanye?

_____

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "Indalo," amaph. 44–51, Amanyange Nabaprofeti . "UThixo uluthando." . . . Indalo yaKhe, umthetho waKhe, luthando. Yahlala injalo; iya kuhlala injalo. "Ophezulu, owongamileyo, ohleli ngonaphakade," lowo "iindlela zakhe yena zisephakadeni," akaguquki. UnguLowo "ongenabuyambo nasithunzi sakujika." . . . Konke okubonakala emandleni adalayo, kutyhila uthando olungenakulinganiswa. Ubukumkani bukaThixo buquka ukuphelela kwentsikelelo kubo bonke abantu abadalileyo." —Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti,* iphepha 20.

"Ukuba abantu bangakwenza ngokuthembeka oko kuluxanduva lwabo njengamagosa empahla zikaThixo, bekungayi kubakho kukhalela isonka, kungabikho ukubulaleka nokuswela ithemba, kungabikho kuhamba ze nokuswela. Kukungathembeki kwabantu okuzisa imeko yokubulaleka oluntywile kuyo uluntu. . . . UThixo wenze abantu amagosa aKhe, kwaye akayi kumangalelwa ngokutsala nzima, ubuhlwempu, ukungabi nanto yokunxiba, nokuswela koluntu. INkosi yenze umsindleko omkhulu wako konke."—Ellen G. White, *Welfare Ministry*, iph. 16.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Yifundisise ngocoselelo le nteto kaEllen White ingentla. Uthini? Uthi ngubani oza kuphendula ekugqibeleni ngobuhlwempu obungaka esibubonayo? Inokusixelela ntoni le nto ngokubaluleka kobugosa obuthembekileyo?

2. Emva kwamawaka eminyaka yokwaphuka okwabangelwa sisono, kunokwenzeka njani kuthi ukuba sibe sisakubona ukulunga kwendalo yaKhe?

3. Yintoni oyiqondayo ngegama elithi ubugosa? Ingabaibekho into kule veki ethe yakukhulisa ukucinga kwakho ngentsingiselo yokuba ligosa, ngakumbi njengoko sibizwa nguThixo?

4. Kungayiguqula njani indlela esihlobana nesibaphatha ngayo abanye xa sinokubona kumntu ngamnye esihlangana naye umqondiso osikhumbuza ukuba lo mntu "udalwe nguThixo ngokomfanekiselo waKhe"?

Isishwankathelo:

UThixo wadala umhlaba olungileyo opheleleyo, waza wanyula abantu, abadale ngokomfanekiselo waKhe, ukuba "bayisebenze bayikhathalele" indalo yaKhe. Nangona isono salwaphula ulwalamano uThixo awayejonge ukuba sibe nalo, sisenayo indawo esinokuyidlala njengamagosa okulungileyo kwendalo nabagcini babazalwana bethu. Ukuyizalisa le ndawo, yenye indlela esingamzukisa ngayo uThixo njengoMdali wethu.